



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBA 2015

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO P3**

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure



* X H O F A 3 *

Olu viwo lunamaphepha asi-7.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linama CANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Izincoko	(50)
ICANDELO B: Imihlathana emide	(30)
ICANDELO C: Imihlathana emifutshane	(20)

2. Phendula umbuzo ube mNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala ICANDELO ngaliNYE kwiphepha elitsha.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/flowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwesincoko.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo.
Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-
- 80 kwiCANDELO A.
 - 40 kwiCANDELO B
 - 30 kwiCANDELO C.
8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiwego.
11. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO

UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-260 ukuya kuma-300. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuYILA.

- 1.1 Bhala isincoko esiphela ngamazwi athi, “Ndavakala ndikhwaza ndisithi kwakhe kwanje phi na?” [50]
- 1.2 Iksamva lomntu ngamnye lisezandleni zakhe. [50]
- 1.3 Umzali endinqwenela ukuba nguye ebantwaneni bam. [50]
- 1.4 Bhala isincoko esinesihloko esithi: Ubumnandi. [50]
- 1.5 Ukuphucuka kwemfundo elizweni lethu kuxhomekeke kuthi sonke. [50]
- 1.6 Ndaqonda loo mini ukuba ilizwi lomntu omdala alidliwa nja. [50]
- 1.7 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko. Sinike isihloko isincoko eso. [50]



[Ithathwe kwi-intanethi] [50]

- 1.8 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko. Sinike isihloko isincoko eso.



[Ithathwe kwi-intanethi]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: **50**

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha umhlathi omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-80 – 100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathi lowo. Khumbula ukuYILA.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umalume wakho ileta uphendula ebe kubhalele yona esithi kuwe mxelele ukuba ufuno esiphi isipho xa ubhiyozela ukuggiba iminyaka eli-18.

[30]**2.2 I-OBHITSHUWARI**

Abamelwane bakho bashiywe ngumtshana wabo, bacele wena ukuba ubabhalele iobhitshuwari yakhe. Bhala iobhitshuwari leyo.

[30]**2.3 IAJENDA NEMIZUZU**

Ungunobhala weqela lakho lezemidlalo, benibambe intlanganiso ebimalunga nokulungiselela ukuya kudlala kwitumente yephondo lakho. Bhala iajenda nemizuzu yaloo ntlanganiso.

[30]**2.4 INTETHO**

Njengomfundi okwibanga le – 12, bhala intetho oza kuyenza ubulele iitishala zakho xa kusenziwa itheko lenu lokuthi ndlela-ntle kuni bafundi
bebanga le-12.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B:** **30**

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kweli Candelo. Umhlathi lowo ube ngamagama angama-80 ubude. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathi lowo.

3.1 IKHADI LESIMEMO


Kwiningqi yakho kuza kubakho umnyhadala wekhonsathi yokuvala unyaka. Njengomququzeleli wezolonwabo, bhala isimemo umeme iingingqi eziningqongileyo ukuze zizimase le khonsathi. **[20]**

3.2 IPOSIKHADI

Uthunyelwe eMelika yinkonzo yakho uye kumela ulutsha. Bhalela umama wakho iposikhadi umbalisele ngale ndawo ukuyo. **[20]**

3.3 IZALATHISI

Udibana nomzali osuka eVicky fields ofuna ukuya eForest Fields emi ngakwisango elikwisitalato iTrafalgar. Lo mzali akayazi indlela eya khona, mncede umalathise lo ndlela.



[Ithathwe kwi- QC Information Guide]

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100